URhulumente
weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Patricia Van Niekerk**
ICandelo eliKhulu leZithili
Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za | 021 467 2171

Inombolo yefayili.: 27/12
Isalathiso: 20231018-8918

ISetyhula : 0031/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNqununu zazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuqinisekiswa kwenkqubo yokufakwa kwikhompyutha nokunika ingxelo ngokuhamba isikolo kwabafundi yonke imihla kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo.*

**Isihloko: Inkqubo yokufaka kwikhompyutha nokunika ingxelo ngokuhamba isikolo kwabafundi**

1. Injongo yale setyhula kukuqinisekisa inkqubo yokurekhodwa nokugcinwa kweerejista zokuhamba isikolo kwabafundi nezishwankathelo ii-*Quarterly Learner Attendance Return summaries* ezifakwe kwi-*CEMIS*.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liqalise inkqubo yokufakwa kwedatha engokuhamba isikolo kwabafundi kwikhompyutha ngo-2018/19 yaye le aplikheyishini ibisebenza ngokuyimpumelelo kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela ngoko.

3. I-aplikheyishini ivumela ootitshala ukuba bafake idatha yokuhamba isikolo kwabafundi ngemizuzwana nje yaye abasebenzisi bayifaka kube kanye kuphela ingcaciso neya kuthi ifake (*pupolate*) zonke iithempleti zeerejista ezisemthethweni.

4. Ifankshinalithi ivelisa ngokuzenzekelayo (*auto-generates*) iirejista zokuhamba isikolo neerejista ii-*summary attendance registers* yonke imihla, qho ngeveki naqho ngekota. Idatha igcinwa kwindawo elungiselelwe oko kuphela yaye ootitshala bafikelela kuphela kwiilisti zeeklasi zabo ngepasiwedi ekhethekileyo (*unique password*) abazenzele ngokwabo.

5. Kukhunjuzwa zonke izikolo zikarhulumente ukuba i-aplikheyishini esemthethweni emayisetyenziswe ukurekhoda idatha yokuhamba isikolo kwabafundi nerejista ethi iveliswe, zithathwa njengerejista esemthethweni yokuhamba isikolo kwabafundi (*official learner attendance register.)*

6. ISebe i-*WCED* liyaqonda ukuba ezinye izikolo zine-*School Administration and Management System (SAM) system* yazo yokurekhoda ukungabikho kwabafundi esikolweni.

7. Nakuba kunjalo, iSebe i-*WCED* malinike ingxelo ngokuhamba isikolo kwabafundi yamanani abantwana EWONKE qho ngekota. Ngoko ke, alinako ukulungiselela iifomathi ezahlukileyo *(different formats)* njengoko kufuneka kungeniswe idatha kwiSebe leMfundo esiSiseko nakwabanye abachaphazelekayo ngendlela efanayo. Oku kusebenza kuzo ZONKE izikolo kuqukwa nezikolo ezineemfuno ezizodwa.

8. Njengoko sele kuchaziwe, ukuza kuthi ga ngoku, zonke izikolo beziyisebenzisa le aplikeyishini ngokuyimpumelelo yaye kucelwa izikolo ziqhubeke ngokuyithobela le mfuno imiselweyo ukuqinisekisa ukuba iSebe iWCED liyazifezekisa iimfuno ezimiselweyo eziyimbophelelo zokunika ingxelo esemthethweni.

9. Makuqatshelwe nokuba ukuhamba isikolo kwabafundi kuyi-*data set* ebalulekileyo eqinisekisa amanani abafundi kwiphondo yaye oko kufaka igalelo ekuqinisekisweni kwezalathi zentsebenzo zethu kwakunye nokunika ubungqina ukunika inkxaso ukusetyenziswa kwenkxaso-mali yemimiselo nemigangatho nolwabiwo-mali olungakhethi cala nolufanekileyo.

10. Kukhunjuzwa ootitshala ukuba basebenzise le linki yeziko lewebhu ukuzalisa irejista yemihla ngemihla: https://wcedemis.westerncape.gov.za/wced/lnrattend.html

11. Oomabhalana bezolawulo kwinqanaba lesikolo kufuneka aqinisekise ukuba:
    a) zonke iidilesi ze-imeyili zootitshala nezabasebenzi bezolawulo zifakiwe kwi-*CEMIS* ("lilisti zootitshala");
    b) zifakiwe iiholide zezikolo kwi-*CEMIS* (*"Learner Absenteeism" tab*);
    c) ukwabiwa kootitshala neeklasi kuchanekile; yaye
    d) kubhaliswe ukuya kutsho kubantu abathathu njengamaGosa ajongene noKuhamba iSikolo kwaBafundi (*Learner Attendance Champions*). (aba basebenzi baya kusebenza njengabancedisayo xa angekhoyo utitshala weklasi)

12. Ifankshini kwi-*school dashboard* kwi-*CEMIS* iya kuqaliswa kwiKota 4 yalo nyaka apho iinqununu mazingene kwisistim qho ngeveki ukubeka esweni ukuzaliswa ngabasebenzi kwedatha yokuhamba isikolo kwabafundi. Le sistim iya kuloga ukungena *(check-in)* kwenqununu qho ngeveki ukulungiselela iinjongo zophicotho-zincwadi.

13. Inqununu nomphathi wesekethe mabasayinele irejista yokuhanjwa kwesikolo ngabafundi qho ngekota. Imihla yokusayinela irejista yokuhanjwa kwesikolo ngabafundi iya kupapashwa kwiKhalenda yoKucwangcisela iZikolo yeSebe i-*WCED*.

14. Kumelwe ukuqatshelwa ukuba utitshala weklasi/utitshala werejista unomsebenzi wokufaka idatha yokuhamba isikolo kwabafundi ngokumakisha abafundi abangekhoyo esikolweni ekuqaleni kosuku phambi ko-10:00.

15. I-aplikheyishini isebenzisa idatha encinci kakhulu yaye zonke izikolo zinalo unxibelelelwano lwe-intanethi kwakunye nokuba ezininzi zine-Wi-Fi kumasango esikolo. Ukuba ootitshala abakwamkeli ukusebenzisa iidivayisi zabo, izikolo namabhunga olawulo banokukuthathela ingqalelo ukuthenga iiselula ezingabizi kangako yaye zizifake idatha eyaneleyo qho ngenyanga ukulungiselela le njongo. Ezi divayisi zinokujikeleziswa ngaphakathi esikolweni kusasa ukwenzela ukuba ootitshala barekhode ukuhanjwa kwesikolo ngabafundi eziklasini zabo.

16. Izikolo ke ngoko kufuneka ziziprintele irejista qho ngekota, zizisayine, zifake isitampu yaye zizifayilishe iirejista njengerekhodi esemthethweni qho ngekota.

17. Ikopi eprintiweyo yeerekhodi zokungabikho esikolweni kwabafundi mazigcinwe ubuncinane ithuba leminyaka emithathu ngeenjongo zophicotho-zincwadi.

18. Iiseshoni zoqeqesho nokufumana ingcaciso ngesistim ziya kwenzelwa amagosa nabasebenzi abajongene nokwamkelwa kwabafundi ezikolweni ku-*Microsoft Teams.* Iinkcukacha zeekhosi zoqeqesho lokuhlaziya ulwazi ziya kuhanjiswa nge-imeyili kwizithili nasezikolweni .

19. Ukuthatha inxaxheba kwiseshoni yoqeqesho uyacelwa uqhagamshelane ne-ofisi yesithili okanye noNks Patricia Van Niekerk ku-021 467 2171 Patricia.VanNiekerk@westerncape.gov.za

20. Yonke imibuzo ngabafundi abangekhoyo esikolweni inokubhekiswa kwigosa elinika inkxaso eliyi-*information support officer* okanye kuNks Patricia van Niekerk.

21. Kucelwa wazise okukule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-10-30